



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2014

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha angama – 25.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngobunono phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Sebenzisa itheyibhule yeziqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule iinombolo zemibuzo esetwe kwincwadi oyifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko funda le mibuzo uyiphawuleyo ukhethe le unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU:

ICANDELO A: Isihobe (30)

ICANDELO B: Inoveli (25)

ICANDELO C: Idrama (25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke, emiTHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngolu hlobo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EFUNDISWE EKLASINI-Phendula imibuzo emiBINI

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Umbuzo ONYANZELEKILEYO

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo ube MNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo ube mNYE.

5. UKUKHETHWA KWEEMPENDULO NGOKWAMACANDELO B (INOVELI)
NO C (IDRAMA)

- Phendula KUPHELA imibuzo esetwe kwinoveli okanye idrama oyifundiswego.
- Phendula UMBUZO OSISINCOKO OMNYE kunye NOMBUTO OMNYE OSEKWE EMXHOLWENI. Ukuba uphendula umbuzo osisincoko KWICANDELO B, uya kuperhendula umbuzo osekwe emxholweni KWICANDELO C. Ukuba uphendula umbuzo osekwe emxholweni KWICANDELO B, uya kuperhendula umbuzo osisincoko KWICANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti yokuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Impendulo yombuzo osisincoko wesincoko sesiHobe maybe phakathi kwamagama ali-190–240.
- Impendulo zombuzo osisincoko kwicandelo leNoveli neleDrama mazibe phakathi kwamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo kwimibuzo emifutshane buya kulawulwa ngamanqaku. Abaviwa mabasebenzele ukuba iimpendulo zingqale zibe semxholweni.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwecandelo ngalinye ngononophelo.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.
9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Lingcebiso malunga nokulawula ixesha:
ICANDELO A: malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: malunga nama-55 emizuzu
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: ISIHOBE

Imibongo emiselweyo: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Umlambo</i>	Umbuzo omde	10	7
OKANYE				
2.	<i>Amazwi obulumko</i>	Umbuzo omfutshane	10	8
OKANYE				
3.	<i>Aphi na amadoda</i>	Umbuzo omfutshane	10	9
OKANYE				
4.	<i>Idompasi</i>	Umbuzo omfutshane	10	10
KUNYE				
Umbongo ongamiselwanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.				
5.	<i>UNkosi Siseko Kama, A! Dilizintaba!</i>	Umbuzo omfutshane	10	11

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo omNYE

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.	<i>Nyana wam! Nyana wam!</i>	Umbuzo omde	25	13
OKANYE				
7.	<i>Nyana wam! Nyana wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	14
OKANYE				
8.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omde	25	16
OKANYE				
9.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	17

ICANDELO C: IDRAMA**Phendula umbuzo omNYE.**

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
10. <i>Amaza</i>	Umbuzo omde OKANYE	25	19
11. <i>Amaza</i>	Umbuzo omfutshane OKANYE	25	19
12. <i>A-a-a! Jongumsobomvu</i>	Umbuzo omde	25	23
13. <i>A-a-a! Jongumsobomvu</i>	Umbuzo omfutshane	25	23

QAPHELA: kumaCANDELO B no C, phendula umbuzo om**DE** om**NYE** kunye nombuzo om**FUTSHANE** om**NYE**.

ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba ujongsise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A	Isihobe(Imibongo emiselweyo)	1–4	2	
	Isihobe (Umbongo ongamiselwanga)	5	1	
B	Inovel(i)Umbuzo omde OKANYE omfutshane	6–9	1	
C	Idrama(Umbuzo omde OKANYE omfutshane	10–13	1	

ICANDELO A: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A. Stemele: Umhleli****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo emiNE efundisiwego nomNYE ongafundiswanga.
- Umviwa kulindeleke ukuba aphendule imibuzo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo okanye naziphi izibongo ezifundisiwego eklasini, kanye nombuzo omNYE ongafundiswanga eklasini.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-190–240 amagama.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

Bonisa indlela esisetyenziswe ngayo isigama ukuvelisa ukuba luncedo nokungabi luncedo komlambo kulo mbongo.

[10]

UMLAMBO: N. Thuthani

- 1 Ngumnyob'ozolileyo ohamb'utyhutyh'amathafa,
- 2 Isilo esizondlalileyo ukukhwez'imimango,
- 3 Amajikojiko uhamb'ubhijela endleleni yakho,
- 4 Yintlwath'ebhijel'ixhoba ukujikel'amagophe,
- 5 Waphel'umhlambi yinyok'ebimbilizayo.

- 6 Sisilo esitshayel'amabibi ukugutulyula sisihlisa,
- 7 Wakugquma ungaggib'uthi sisilo esikhulu,
- 8 Likhaya lezilo nabomlambo balapho,
- 9 Kumaw'amakhulu uhamb'uhamb'ubamb'iintlombe njenqeqqirha,
- 10 Wombelele kamnandi ube zingxangxasi utsawula usihlisa.

- 11 Ungad'ungahambi wakuva loo ntломbe yendalo,
- 12 Neembila zilapho zibhamp'emaweni zitshila,
- 13 Zisenzela loo mpepho kuyingxolo emnandi zdllala,
- 14 Ngumondli wesizwe kuba siphila ngawo,
- 15 Into kuhambo lwayo ihamb'inkcenkceshel'imithi enamagama.

- 16 Ihamb'isondla nezilwanyana zamahlathi,neentaka zezulu,
- 17 Intili le ngumhlaba olinqatha iyaziwa ngabasemaXhoseni,
- 18 Umhlaba wentili usoloko unyakamile ufumile,
- 19 Ngenxa yempepho nefuthe lomlambo,
- 20 Sitsho silim'isizwe sivelise namhla ngembalela.

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

AMAZWI OBULUMKO: V.L. Mabinza

- 1 Yivani ndiniphakele amazwi obulumko,
- 2 Khon'ukuze niluphumelele ugqatso lobomi.
- 3 Yibani ngabantu abanesimo nesimilo.
- 4 Yibani nomonde wokuzondelela ningatyhafi,
- 5 Khuthalani ninokunyameka nokunyamezela.
- 6 Thantamisanani ninokuvelana nokuncedana,
- 7 Khon'ukuze nibe nokuphumelela,
- 8 Omnye komnye,yibani nokuthobeka,
- 9 Lahlani ikratshi nokuzicingela,
- 10 Yibani banye nithandane nonke.
- 11 Zilahleni iinkcuku nobuhlanga,
- 12 Nibe novelwano omnye komnye.
- 13 Yenzani njalo ke niziintlanga nonke,
- 14 Kub'igazi lenu linye xa ninonke.

- 2.1 Yintoni injongo yembongi yokunikisa ngamazwi obulumko ngokombongo? (1)
 - 2.2 Chonga igama elithetha into enye neli, ‘ncekelelanani’ kulo mbongo . (1)
 - 2.3 Kwikwatreni yokuqala eyona nto ijonge yona imbongi:
 - A ngamacebiso empumelelo malunga nezimo zabantu
 - B ngamacebiso empumelelo omnye komnye
 - C ngamacebiso empumelelo malunga nezithethe
 - D ngamacebiso empumelelo kuhlanga ngalunye
(1)
 - 2.4 Xela izinto ezimbini ezikulo mbongo ethi imbongi maziyekwe. (2)
 - 2.5 Nika isizathu sokuba ube yisonethi lo mbongo. (1)
 - 2.6 Xela isixhobo sesandi esinomgca ngaphantsi kwikhaphulethi yale sonethi kunye nenjongo yokusetyenziswa kwaso. (2)
 - 2.7 Ingaba imbongi iphumelele ukumemelela umanyano ngalo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundiswa esi sicutshulwa sombongo silandelayo kumbongo uze uphendule imibuzo elandelayo.

APHI NA AMADODA!: M. Mbuthuma

- 1 Ivelil'inyok'enkulu
- 2 Eqqib'umzi wonk'uphela,
- 3 Nants'ithe ga ngogaga
- 4 Kwizingqi zomzi kaNdaba;
- 5 Hay'ukuswel'amandla
- 6 Ngendikhe ndiyijijise.

- 7 Zemk'iinkomo, magwala,
- 8 Nt'ezifungel'efileyo,
- 9 Nt'ezijong'owaz'umqala,
- 10 Zilibal'iintsana zazo,
- 11 Amagwal'anezishwabulo
- 12 Zeminyanya engookhokho.

- 13 Nohlala nibekw'ityheneba
- 14 Nazizizukulwana ezizayo:
- 15 Yibulalen'inyoka, madoda,
- 16 Yod'iwafukam'amaqanda-
- 17 Kant'ayaziwa konke-konke
- 18 Ukuthi yoqandusela silo sini na.

- 19 Nants'isiz'ivuy'emzini!
- 20 Iqondil'aninto yanto.
- 21 Nants'isiz'ibhuku-bhukuleka!
- 22 Zidenge,vuyisanani nayo!
- 23 Nants'ingen'isahlula-hlula!
- 24 Aya phi n'amadoda kulo mzi?

- 3.1 Bhala esi sivakalisi ngawakho amazwi.
"Ngendikhe ndiyijijise" (1)
 - 3.2 Khetha eyona mpendulo ichanekileyo
Imbongi iyifanisa nenyoka le nto ithetha ngayo kuba;
 - A Ingena itye amaqanda alo mzi ingabonwanga
 - B Ingena kulo mzi ithelekise ingaqondwanga.
 - C Ingena abantu belele ubuthongo bangayiboni.
(1)
 - 3.3 Balula izinto eziMBINI ezikhali melayo imbongi kwisitanza sesibini. (2)
 - 3.4 Chaza ithoni yembongi kulo mbongo. (2)
 - 3.5 Ngokwembali iwahlulahlule njani umzi kaNdaba le nyoka kuthethwa ngayo? (2)
 - 3.6 Cacisa injongo ephambili yalo mbongo. (2)
- [10]**

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundiswa esi sicatshulwa sombongo ulandelayo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

IDOMPASI: N. Gcali

- 1 Yincwadana encinane ephethe igama,
- 2 Yincwadana edelekileyo ephethe idilesi,
- 3 Ixela ubuhlanga ibonise nelizwe,
- 4 Iveza umsebenzi ixela nomqeshi,
- 5 Isitampu sibonisa imfanelo,
- 6 Isitampu esigwenxa yijele,
- 7 Udompasi ongekhoyo yijele.

- 8 Impilo yabaninzi uyiggibile,
- 9 Ubomi babaninzi ubuthathile,
- 10 Imizimba yabaninzi uyingxwelerhile,
- 11 Imizi yabaninzi uyichithile, wena dompasi,
- 12 Ubethiwe umntu ubanziwe umntu,
- 13 Waswela umntu walamba umntu,
- 14 Wabhaca umntu watshipha umntu,
- 15 Nguwe wena dompasi.

- 16 “Kom hierso Jan,
- 17 Waar is jou pas?”
- 18 “Alikho mhlekazi.” Qhwa ngempama!
- 19 Xhimfi ngenqindi, ngqu ngesihlangu,
- 20 “Gaan in, Gaan in man.”
- 21 Kungenxa yakho dompasi.

- 22 **Vum-vum-vu-uu-uuum-**
- 23 Iyagquma ikhwela-khwela.
- 24 Ifuna bonke abophul’umthetho.
- 25 Basuka eNatali, basuka eFreyistata,
- 26 Bavela eCiskei, bavela eTranskei,
- 27 Kungenxa yakho dompasi.

- 4.1 Kwistanza-1, chonga zibe MBINI izinto ezazisenza umntu alale ejele. (2)

- 4.2 Balula izinto eziMBINI ezimbi ezenziwe yidompasi ngokomqolo wesi-8 nowe-9. (2)

- 4.3 Xela isafobe esigqamileyo ukusuka kumqolo wesi-8 ukuya kowe-11. (1)

- 4.4 Ngokoluvo Iwakho, kutheni imbongi isebezisa ulwimi IwesiBhulu nje kwisitanza sesi-3? (2)

- 4.5 Ukuphinda-phindwa kwebinzana elithi, "kungenxa yakho domiasi" ekupheleni kwestanza sesi-2 nesesi-3 kubonisa ukuba inazimbono zini imbongi ngedompasi? (1)
- 4.6 Bonisa ukuba lufaneleke njani ukhetho Iwezifanekisozwi olwenziwe yimbongi kwimiqolo ye-18–20 ukwakha umfanekiso ntelekelelo wokwakusenzeka. (2)
[10]

KUNYE**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.****UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UNKOSI SISEKO KAMA, A! DILIZINTABA!: M. Mbambo**

- 1 A! Dilizintaba!
- 2 Nazo iinkomo ziyakulandela-
- 3 Ziyakulandela ezamaGqunukhwebe,
- 4 Ziyakulandela ezamaCiskei,
- 5 Zilandela isilo sakuloThamsanqa-
- 6 Isilo sakuloChungwa kumaGqunukhwebe

- 7 A! Dilizintaba!
- 8 A! Dilizintaba!
- 9 Rhanga-rhanga thole leduna.
- 10 Beth'ubuya zulu lamaGqunukhwebe
- 11 Uquqe ukubuya upheth'ingqaka,
- 12 Wondl'amabhenqa anengqakaqha.
- 13 Hamba kakuhle silo samaChungwa,
- 14 Unyuk'intaba kaNdoda uye phezulu.
- 15 Ulumke kuba loo ntaba kaNdod'inamanyala-
- 16 Ikhe yamyekel'uNgqika engonjwa nguThuthula.
- 17 Uz'unyuke ubheke phezulu esibhakabhakeni,
- 18 Uwavelele kakuhle onk'amaGqunukhwebe-
- 19 Umhlamb'ongubo zilubhelu kuloKhwane.
- 20 A! Dilizintaba!

[Ithatyathwe ku-Aweselwana 3; NguWM Kwetana]

- 5.1 Xela isiduko salo ubongwayo. (1)
- 5.2 Kwisitanza 1 chonga iimpawu eziMBINI ezingqina ukuba sisibongo esi. (2)
- 5.3 Xela uhlobo lophindaphindo olusebenzise igama "ziyakulandela" kumqolo wesi-2 nowesi-3. (1)

5.4 Xa kusithiwa wondl'amabhenqa kuthethwa ukuba:

- A wondla abantu abangamaqhitala ekuzingeleni
- B wondla abantu abazingcungela zokuzingela
- C wondla abantu abazingela rhoqo bazityele.

(1)

5.5 Yintoni elumkisa ngayo imbongi malunga nentaba kaNdoda? (1)

5.6 Bonisa ukuba yimbongi yomthonyama le ibonga apha. (2)

5.7 Yintoni injongo yokuba imbongi ikhuthaze ukuba enyuke intaba kaNdoda
aye phezulu esibhakabhakeni obongwayo? (2)

[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Phendula imibuzo kwinoveli oyifundisiwyo.
- Kwinoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, UMBUZO OMDE nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.
- QAPHELA: Ukuba umviwa ukhethe umbuzo OMDE kwinoveli ayifundisiwyo; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama). Ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli), kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C (kwidrama).
- Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

Abalinganiswa banendima abayidlalayo ebalini. Phuhlisa oku ngokujonga indima edlalwa ngaba balinganiswa balandelayo kubomi bukaThole.

6.1 UThemba noSonwabo

6.2 UFikizolo

6.3 UThozama

[25]

OKANYE

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM!: WK Tamsanqa

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

... babhebhetha abaqhelisela, kunjalo kwacaca ukuba bakuxolele nokusikwa ebufundisini kunokuba bangaya eGeorge Goch.

“Nicinga ntoni na ngeGeorge Goch madoda?” wamana ebuza esitsho usihlalo weSinodi. Aqubuda amadoda. Ndithetha mna ngeengwevu zabefundisi kwakungekho yayinqwenela ukunga ingathunyelwa eGeorge Goch. Wayibukela le nto uMangaliso, wakhumbula amazwi eentokazi awakha waziva zincokola kuloliwe kudala engekabi nguye nomfundisi, zincokola ngeentlobo zotywala ezisilwa kule lokishi, izikhwikhwikhwi, iziqeda-veki, oontaba-zosizi, waqonda ukuba bafanele abefundisi ukuyoyika le ndawo. Kuthe kolo cwaka equbudile amadoda wabonakala ephakama uMangaliso esithi, “Nyulani mna ndiye eGeorge Goch.”

Wathi ukuba atsho sabonakala sisothuka sonke isifundisi simjonga.

“Kodwa mfundisi uyayazi le George Goch kuthethwa ngayo?” wabuza owayeresihlalweni.

“Ndingayazi nje bawo ndinqwenela ukuba nindithume kuyo,” watsho ukuphendula uMangaliso.

“Akuyi lubuyayo apha mfo wam, kukwazembe leyela nomphini,” yatsho enye ingwevu yomfundisi esidlangularaneni

Intu yokuzinikela kukaMangaliso ukuba athunyelwe eGeorge Goch yathanda ukuvusa ingxoxo enku kubefundisi, uninzi luyichasa mpela phantsi kwezizathu ezithi indawo enjen eGeorge Goch ayifuni mfundisi usemncinci unokuthi ahendeke lula ziziyolo zelizwe, ifuna umfundisi osel’eqinile. **Ngaphezulu akangelungi ukuba umfundisi obaluleke njengoMangaliso nofunde kangako athunyelwe kwindawo ephantsi olo hlobo, engekabi nayo nendlu yecawa,** noko icawa yaseWesile ingathelwa nqa luluntu lonke luhela ngesenzo esinjalo...

- 7.1 Xela igama lale ntlanganiso babekuyo aba befundisi. (1)
- 7.2 Khawubonise ukuba isithethi sinazinjongo zini ngala ntetho inomgca ngaphantsi? (2)
- 7.3 Thelekisa lo Mangaliso wanamhlanje nalowa wayehamba nooThemba kwimoto eya eBhayi. (2)
- 7.4 Isixhobo esisetyenziswa ngumbalisi xa uMangaliso athi, wakhumbula amazwi ... sibizwa ngokuba (lusingiselo kwisiganeko esigqithileyo/lukrotyiso kokuseza kuhla ebalini)? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.5 Khetha eyona mpendulo ichanekileyo
Le ntetho ibhalwe ngqindilili isebeenzisa ulwimi:

- A Oluchukumisayo
- B Oluqhathayo
- C Olujongela phantsi

(1)

7.6 Ngokolwazi lwakho lwencwadi, ingaba uMangaliso waphumelela kwilinge lakhe lokuguqula imeko yale lokishi? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.7 Ziziphi izizathu eziBINI ezibangela ukuba kuthiwe uMangaliso ngumlinganiswa ongqukuva kule ncwadi? (4)

ISICATSHULWA B

Lo mfo Nantsika kuthiwa ufunde ngaphezu kwakhe wonke umntu apha ehlabathini, ndithetha mna nabeLungu aba kuthiwa akakho ofunde njengaye, wova besitsho oonkabi bephokolise ezo nqawa zabo zinde.

“Kanti madoda lo mfo nide nathi ngumni?”

“Asisazi isiduko sakhe Nantsika kodwa ke kuthiwa ngumXhosa.”

“E-e! Suk’anapha madoda musani ukwenza iintsomi emini niza kuphum’iimpondo. Wakha wakho kakade umXhosa ofunda ngaphezu komLungu,” womva omnye esitsho ekhalala naloo ncoko evuthulula ingubo yakhe esimka.

“Hi bafondini ingaba lo mfo ungundaba-mlonyeni olu hlobo wakha wayinto efinyiswayo engakwazi nokuzifinyisa oku njengathi aba?” yavakala ibuza enye intwana engumabhalana enkomponi eCity Deep kwaMangqukela ingqengqe eqongeni layo ijongise umetyiso phezulu ifunda Imvo eyayineendaba zalo mfundisi eqwalasele umfanekiso wakhe.

“Awu! Wathi wakutsho ke ntang’am wandikhumbuza amazwi ento kaJolobe kumbongo wayo webhadi xa ithi,

Umhle kangaka nje na, wena sidalwandini
Wakha warhuba phantsi ungumbungwan’ongento,
Waza wazalwa kutsha, waba kukokugqibi ...?”

Yatsho enye ingqengqe kowayo umandlalo ikwafunda eli phepha-ndaba.
Basusela apho ke banaba ezindabeni ngalo mfundisi.

Apho enkomponi kwaMangqukela kwakukho inkathavu yexhego eyayingaziwa lulutsha ukuba yafika nini na, befikela kuyo abafikayo baphinde bagodukele kuyo. Kungasekho msebenzi iwenzayo enkomponi ngaphandle kokuhla inyuka itshayela. Igama eyaziwa ngalo kusithiwa nguFaltein ...

7.8 Xela okwenzekileyo sekuvuka le ngxoxo nje. (1)

7.9 Ibe nafuthe lini le ngxoxo kubaw’uMkwayi? (2)

- 7.10 Yiyiphi le mvakalelo iveauwa kukuchiphiza iinyembezi kukatat'uMkwayi emva kokufunda eli phephandaba? (2)
- 7.11 Xa umbalisi alichaza eli xhego njengokuba, "inkathavu yexhego eyayingaziwa lulutsha ukuba yafika nini na, befikela kuyo abafikayo baphinde bagodukele kuyo", usiqhubela ekubeni sicinge ntoni ngalo? (2)
- 7.12 La mazwi athi, "Igama eyaziwa ngalo kusithiya nguFaltein" avelisa ntoni malunga negama leli xhego? (2)
- 7.13 Ngokoluvo Iwakho ingaba uMangaliso wenza ngokufanelekileyo ukwamkela uyise ngezandla ezishushu akumazi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [25]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMDE)

UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule

Abalinganiswa banendima abayidlalayo ebalini. Phuhlisa oku ngokujonga indima edlalwa ngaba balinganiswa balandelayo:

- 8.1 Mfazwe
- 8.2 Friday
- 8.3 Nokuzola

[25]

OKANYE

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

“Akakhange aphangele namhlanje, ilanga lonke ulichithele apha ekhaya, wada waza kubizwa ngula mfana kaNtsipho uFriday ngelithi makakhawuleze kukho intlanganiso phaya eholweni ecaweni, inento yokwenza nabantwana besikolo.” Ndothukela ngaphakathi akulikhankanya elo gama linguFriday.

Engengomntwana wasikolo nje, uNokuzola yintoni emdibanisa noFriday, embizela ezintlanganisweni? Ndazibuza lo mbuzo ndikhamnqile.

“Into ethetha ukuba baseholweni apho ke ngoku mama?”

“Ukumka kwakhe ebethe uya aphi, andazi ke kuba andikho holweni mna ngoku.” Ndakhumbula ngelo xesha ukuba andifikanga ndambulisa, ndafana ndakrwela intloko ndabulela, ndacela uxolo ngokungabulisi. Ndiphakame ndizihleka-hlekisa, landibuza ixhegwazana ukuba bekusithiwa ndibaniwe nje, yinyani na leyo, ukuphuma kona ndiphume nini na. Ndithe ndingekawuphenduli umbuzo lowo lahlaba omnye.

“Kusithiwa uyaxela nje mntwanam, ingaba yinyani leyo?”

Ndothuka ndanomchamo. Ndema andashukuma, umzimba wasuka wanenkantsi wonke. Kwakucacile ukuba akukho mntu ungayaziyo into yokuba ndinebala lobungcothoza. Ndiza kuyiphikisa njani le nto ithethwa ngulo mama?

Ndangqunga, kwanzima ukuphuma, sekungathi bonke abantu baza kusuka bandikhwaze, bandityabeke izithuko endandidla ngokuziva zityatyekwa umntu ongcothozayo. Ndahamba ndingamphendulanga uMamCwerha, waphosa amazwi okuggibela xa ndisiya kuphuma ngesango.

Kukho abantwana ababini abadutyulwe basweleka kulaa mbhodamo wasemini.” Andizange ndibonise nokuba ndiyamva, ndadzulela eholweni ndinyathelela phezulu. Kwakukho into ethi mandibaleke ndiyokuzeyelisela esizibeni okanye ndiyokulala emgaqweli kaloliwe andicumze kube kanye...

- | | | |
|-----|---|-----|
| 9.1 | Baphinda badibana uNokuzola noMfazwe? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 9.2 | Ngezivakalisi eziNTATHU chaza okwenzekileyo sekubanjwa intlanganiso nje. | (3) |
| 9.3 | Thelekisa ulwazi lukaMfazwe kunye nolukaMamCwerha malunga nokungcothoza kukaMfazwe. | (2) |
| 9.4 | Sisiphi isizathu esibangela ukuba uMfazwe othukele ngaphakathi xa kukhankanya igama likaFriday? | (2) |
| 9.5 | Ujonde isimo sentlalo sakwaQaka khawuhlomle ngezipumo zokuba uMfazwe walifulathela elakowabo. | (2) |
| 9.6 | Yiyiphi injongo yombhali webali ngokuzisa lo mxholo wothando kule ncwadi? | (2) |

ISICATSHULWA B

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

“Ungasoli uqalekise mntwanam.” Ingcwakaha eyayikho yaphazanyiswa nguTat’uGaba ngaloo mazwi, ethetha ebumnyameni emi ecaleni kwedlakadlaka lemoto eyayingasahambi phambi kwendlu yakhe. Andimxelelanga ukuba sendigqibile ukuqalekisa, kushiyekе nje ukuba ndigwebe. Ndakuggiba ukulahlekela yiyo yonke into yam, into yonke endakha ndanayo, azokuthi mandixole? Tyhini madoda, uTat’Gaba lo unani na kakade? Andizange ndiphendule, ndanqumla umgaqo ndaya kungena esangweni lakhe, ndafika ndema ecaleni kwakhe.

“Mfondini, kubi!” Waqala ngelo. “Yintoni le iqbukayo kanye kanye? Uthi akuzi kugwetywa kodwa?”

“Ngubani oza kugwetywa na Tat’uGaba?” Ndibuyise kwangombuzo kuba ndingenakuyiphendula eyakhe.

“Uyivile le yokuba iFundu ivaliwe?”

“Ewe?”

“Inani na le ndoda!”

“Sivalelwе ntoni isikolo?”

“Sitshile!”

“Hi? Tat’uGaba yithi uyaphosisa!” Andizange ndikwazi ukuzibamba, ndakuza ndatsho ndazothuka.

“Ungathetheli phezulu, neendonga zineendlebe.” Watsho uGaba akubona ukuba ndifuna ukubhabhazela.

“Uthini na apha kum Mnt’omlambo?” UGaba wathetha nto yimbi engaphenduli mbuzo wam.

“Andazi ukuba siza kubathini na abantwana unyaka lo wonke, kuba baza kuba yimingqusho yoongqikana apha elokishini, luthini ke ukungavuki udushe? Laa nyhilicityhawe ibisenzeka apha emini idlule nemiphefumlo emibini, ntombazana yaphaya ngaphesheya, andichani nje ukuba yeyakwabani na kunye neli gwangqana lomfana apha ngasentla kwethu, apha ecaleni kwesirhoxo ngubani na kanene?

- | | | |
|------|--|-----|
| 9.7 | Chaza le lahleko kaMfazwe athetha ngayo ngale mini. | (2) |
| 9.8 | Ibe nafuthe lini le ngxoxo kuMfazwe? | (2) |
| 9.9 | Impendulo kaMfazwe ethi, “Tat’uGaba yithi uyaphosisa!” ibonisa ukuba uvakalelwa njani? | (2) |
| 9.10 | Ngubani umbalisi kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 9.11 | Bonisa isigqebelo esisetyenziswe ngumbhali kumazwi katat’Gaba athi uMfazwe makangaqumbi aqalekise. | (2) |
| 9.12 | Ngokoluvo Iwakho, ingaba uMfazwe wenze kakuhle ngokushiya ikhaya? Zixhase. | (2) |

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: **25**

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 13.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Phendula umbuzo ube mNYE kwidrama oyifundisiwego.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B, UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwicandelo C.

Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omde kwiCANDELO B, UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO C.

Ubude bombuzo omde buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

UMBUZO 10 (UMBUZO OMDE)

AMAZA: Z.S. Qangule

ULizo uxolele ukujinga iliso kunokuba angamfumani uNamhla. Ngqina oku wayame ngeziganeko ezikule ncwadi.

[25]

OKANYE**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

NAMHLA :	Hlala wena Nosiko apha ezilalini, Gqola, phulaphula ingoma yenqatho.
VATHISWA :	Ingoma ethini?
NAMHLA :	Ingoma ethi Ibhinqa eliziqoqayo liqhayiya labazali, Ibhinqa eliqoshelayo yintyatyambo yesizwe; Ayibuni ehlotyeni, ayitshazi ebusika.
VATHISWA :	Uyayithetha into!
NAMHLA :	Phulaphula Nosithethe, Nasi esinye isidomisa-ngqondo: Indoda efumene oonyana, inikwe iinzingo, Ihlwelwa emini, ihlala ecimini. Kanti indoda ezal'iintombi ifunjathiswa izipho, Inikwe ubuntu, ithinjwe ubukhoboka.

VATHISWA :	Yintoni embi kuloo nto?
NAMHLA :	Uthi mandihluthwe ubuntu Bunikwe omnye umntu Uthi mandihluthwe ukukhanya Ndivalelw ebunyameni?
VATHISWA :	Lilunga lama lunga utata wakho, Ziingxaki ezamenza akwendise.
NAMHLA :	Undixelela ngesikrelemnqa esakhanywa imfesane, NguSathana olephuza amalangatye! Ubawo nguntliziyo esihhlalweni yagungxuka, Ngundlela zimachaphaz'egazi; Lirhamncwa elimadolo aluhlaza!
VATHISWA :	Uthando lukuxuthe ingqondo, Uqaqadekile akunqwanqwadeki!
NAMHLA :	Ingaba sendisisilwanyana.
VATHISWA :	(<i>Ephuma</i>) Mandikushiye Nkanishe.
NAMHLA :	(<i>Ekroba efestileni</i>) Eyona nto akuzazi neyona nto uyiyo. (<i>Emva komzuzu ephumile uVathiswa kungena uLizo</i>)
LIZO :	Umntu uyankqonkqoza.
NAMHLA :	Ngaphakathi.
LIZO :	(<i>Engena engqala kuNamhla, emwola</i>) Kutheni untywizisa nje?
NAMHLA :	<u>Ndibangulwa ziintolo zovuyo</u> <u>Kuba ndiyindwayinge nje</u> <u>Xa ndinawe ndisisidwangube.</u>
LIZO :	Kunjalo nakum. <u>Ubomi bulikhala nje apha kum,</u> <u>Xa sikunye ndincinda ubusi.</u>
NAMHLA :	(<i>Esiwa, elila esimantshiyane</i>) Kodwa, kodwa Lizo.

- 11.1 UVathiswa waziwa njengomntu odlala yiphi indima kule ncwadi? (1)
- 11.2 Chaza intsusa yale ngxoxo. (2)
- 11.3 Luluphi ulovo olupuhhliswa nguNamhla xa esithi, “Hlala wena Nosiko apha ezilalini?” (2)

- 11.4 Chonga ibinzana elibonisa ukuba uVathiswa ubhidekile koku kuthetha kangaka kukaNamhla. (1)
- 11.5 Ubonakala uyintoni umsebenzi wamagama abhalwe bukekela kwesi sicatshulwa? (1)
- 11.6 Ibizwa ngokuba yintoni indlela azotya ngayo uNamhla ngamazwi kaVathiswa athi, "Uqaqadekile akunqwanqwadeki!"? (2)
- 11.7 Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe kwimiqolo ekrwelelwé umgca ngaphantsi. (1)
- 11.8 Phuhlisa ubunyani bala mazwi athi uDanile "ngundlela zimachaphaz'egazi" ngokolwazi lwakho lwebali? Cacisa. (2)
- 11.9 Yintoni ke ngenene le ayililela kangaka uNamhla? (2)

ISICATSHULWA B

LIZO:	(<i>Esoyika</i>) Uthi lingcwaba likaSidima eli?
NAMHLA:	Lilo kanye eli Qwathi. (<i>Esamkela into kuNamhla</i>)
LIZO:	Sapha iyeza elo ndilibeke (<i>ULizo elibeka</i>)
NAMHLA:	Beka nesikhumba eso. (<i>Kufika uSidima noZodwa bezegqume ubuso</i>)
SIDIMA:	(<i>Edidekile</i>) Ningobani? Lingcwaba likabani eli nikulo?
NAMHLA:	Lelendoda yam.
SIDIMA:	Ngubani indoda yakho?
NAMHLA:	NguSidima.
SIDIMA:	(<i>Eveza ubuso</i>) Ingekafiki nje imini yam yokufa uthetha ukuthini xa usithi lingcwaba lam eli?
LIZO:	(<i>Erhiphuke umbilini</i>) Wafa! Ndungumntu wokuqala ukuyazi loo nto! (<i>Ezekelela ukuthetha</i>)
SIDIMA:	Ngahle nguwe owabulala uDuma, Ndungumntu wokuqala ukuyirhanelo loo nto!

NAMHLA:	(<i>Etyhwatyhwa luloyiko</i>) Sukusiporhela sakungcwaba!
SIDIMA:	(<i>Ejika embonisa ilifa elisemqolo</i>) Umgibe owawunqikela mna ukhamfule wena!
NAMHLA:	Suk'apha siporhondini!
SIDIMA:	Wawuthe sakudibana ngomhla womngcwabo, ingathi kuza kuqala isigwebo!
SIDIMA:	(<i>Ekhupha ivolovolo epokothweni</i>) Niza kuzibona iziporho zidubula.
LIZO:	(<i>Ekhupha ibhozo</i>) Niqhele amagwala ziporhondini!
SILUMKO:	(<i>Efika ebaleka ejolise iivolovolo ezimbini</i>) Yimani ngqo, bhux!
	Mazithi qithi zonke izixhobo zenu!
	Izandla ndzu, phezulu zonke!
	Jikani nonke nifulatthele, nithi cwaka
	(<i>Kungene abeengubo bexhobile bekhokelwe nguQebeyi becula igwatyu</i>).
MANDABA:	(<i>Utsiba angqale kwingcwaba lonyana wakhe. Uyabhentsuza, usasaza umxube weyeza</i>). Isimbanongwe sikhupha okumdaka, Umhabahaba uyazalisa ... (<i>Kungena amaggqobhoka ecula ephethe umnqamlezo omkhulu. Bathi cwaka abengubo, izikhali bazithe qhiwu. Yakuphela ingoma uza ngaphambili uMaLimakhwe ejonge ntshoo kuNamhla</i> .)

11.10 Khetha impendulo echanekileyo:

Esi sigqebelo sivezwa ngokuthi thina bafunda incwadi siyazi ukuba uSidima akafanga babe bona abalinganiswa bengayazi loo nto sibizwa ngokuba:

- A sisigqebelo semeko
 - B sisigqebelo sedrama
 - C sisigqebelo sezimo
- (1)

11.11 Kokwesibini eli lifa lika Sidima livezwa njengobungqina kule ncwadi. Xela ukuba lalikhe lasetyenziswa nini. (1)

11.12 Cacisa ukuba likweliphi inqanaba ibali ngokwesicatshulwa. (2)

11.13 Oku kuphinda phindwa kweli binzana, “Ndinqumntu wokuqala”... kusibonisa ukuba kukho into entsha eza kuvela ngokwebali. Yixeles. (2)

11.14 Yintoni lo mgibe athetha ngawo uSidima? (1)

- 11.15 Diza ihlebo likaMalimakhwe elavela ngale mini. (2)
- 11.16 Ivelisa ntoni ngenkolelo yombhali into yokuba enze ukuba amagqobhoka aphathe umnqamlezo, ngeli xesha abengubo baphethe izikhali? (2)
- [25]

UMBUZO 12 (UMBUZO OMDE)**A-a-a! Jongumsobomvu! B.B. Mkonto**

UMaqoma uxolele ukujinga iliso kunokuba abukele ukubhunyulwa komhlaba wooyise kune nezithethe zakowabo. Ngqina oku wayame ngeziganeko ezilapha kule ncwadi.

[25]

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**A-a-a! Jongumsobomvu! B. B. Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

ISICATSHULWA A

- | | |
|-----------|--|
| CHIZAMA: | Sikho nathi apha kowenu. Lisagciniwe nethole lomthonyama eli ngaphandle kwezo zidla umzi apha naphaya. He! Masithezele emnxebeni Mpemvu mfondini. Anileqwa kodwa? |
| MATSHAYA: | Hayi asileqwa mfo kabawo, silikhumbule nje ikhaya eli ngenxa yezinto yinto, endiyakunikezela kumthanjiswa weNkosi lo ndihamba naye ukuba anityhilele. (Eguqukela kuKondile) Nabo ke Mfundisi, baziindlebe bonke. |
| KONDILE: | Nam ndiyabulisa, ndibulela i-chance yokuthetha apha namhlanje. Inkosi eNkulu, uYehova, ithi namhlanje inkosi le mayivume ukuba sifumane umhlaba apha ukuze sakhe indlu yeNkosi nesikolo sokufundisa ukubhala nokufunda iBhayibhile. |
| CHIZAMA: | Mhm! Zindlebe zam! Hayi xa ulapho mfo, akuseyiyo intanga yam. Kodwa phambi kokuba ndinikezele kwingwevu le, khawundiphe le ndawo: Okuya naninikwe esiya siphaluka siphesheya kweNxuba naningatshongo ngaloo milomo yenu impakumpaku ukuba nifuna ukuzihlalela, nizakhele izindlu zenu, qelele phaya kubahedeni? Kusuke kwathini ngoku? |
| MNTLANE: | Ndikuva kakuhle xa usithi ninabantu benu apha. Naninikwe ngoobani abo bantu? Khona! Ngoobani abo Meli? Seninabantwana okanye oomolokazana ngoku? Sekutheni ngoku nivula ubuhlanti bakuthi ngezantsi nje? |
| KONDILE: | Hayi tata, ubuhlanti eNxuba buvulwa kusasa buvalwe ebusuku. UMary yena ngumama omkhulu, ohlala phaya kulaa mzi (Esalatha ixhiba likaNtlane lowo kanye), kodwa akakwazi ukuya eNxuba. Bakho nabanye abantu abangafuni kugwetywa ngalaa mhla mkhulu. Nani, ingakumbi wena tata, kufuneka nibaleke isihogo. |

- 13.1 Uthetha ukuthini uChizama xa esithi, ‘Lisagciniwe nethole lomthonyama’? (2)
- 13.2 Xela injongo yolu tyelelo Iwakomkhulu. (1)
- 13.3 Imiyalelo yeqonga ekwintetho kaMatshaya athi (eguqukela kuKondile) asibonisa;
 A indlela akhangeleka ngayo uMatshaya
 B into ayenzayo uMatshaya
 C isizathu sokwenza kukaMatshaya (1)
- 13.4 Yintoni injongo yokuba kwintetho yakhe uKondile afakele amazwi athi, “Inkosi eNkulu, uYehova, ithi ...” (2)
- 13.5 Chaza ukuba umbhali umzobe wangumlinganisa onjani uKondile ngokwesicatshulwa esi. (2)
- 13.6 Ngokwezakho iimbono, olu luvo lukaMntlane lokuba “bavula ubuhlanti bakubo ngezantsi lunyanisile”? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA B

KONDILE:	Akonakalanga ndawo. Alapha la madoda kuba ebésazi into yokuba size kuvuselela iLizwi kweli cala, aza ke anqwenela ukuza nawo ukuze aze kuphemba umoya wemvisiswano kunye noxolo apha kumajingqi la onyana wakho. Ndicele ke ukuba uvuswe ukuze ube lingqina lale nkonzozu ezuke kangaka neya kuhlala ihleli ezimbali zesi sizwe kwa nesethu. Le asimisebenzi ingenye, yileyo yeNkosi leya ndimana ukulumana indlebe nawe ngayo. Ndiya kucela unyana wakho lo aphakame xa le ndoda iza kuthetha naye. (Uyaphakama uMaqoma ebuziliza) Kungawe ke ngoku Kholoneli, thetha.
SOMERSET:	Enkosi mfundisi obekekileyo. Ndiyaqala namhlanje ukubonana nolu tshaba Iwam. Ndibulela into yokuba siza kuhlala eluxolweni ngoku, kungekho namnye uya kuthi aphazamise omnye. (Rhuthu incwadi esifubeni). Ngegunya endalinikwayo yiRhuluneli yeli lizwe, ndiza kufunda le ncwadi ...
MATSHAYA:	... asikhange sibe nancwadi isikhaphayo.
SOMERSET:	Ikho ke nantsi. “Ngegunya endikunika lona Kholoneli, yitscho kuMaqoma, unyana wenkosi ehloniphekileyo nentandane kumaBhrithane, uNgqika ukuba akhwelele kuloo mida ame kuyo, awele iTyhume eliya njengoko sasigqibile mhla mnene. Loo mihlaba ndiyabela amakhoboka akhululweyo naphantsi kolawulo lukaKeyile, inkosana yawo”.
MAQOMA:	Unotshe! Ngumhlaba kabawo lo. Niqhele amagwala, andisuki apha. Nibulala umkhwe wam nje kanti nikuloo nkalo? Kudala ndanibona ukuba nikkokelisa eli Lizwi mihla le kuba kaloku soloko nathung’amabhenya. Lingatsh’ibhayi, andibandi. (<i>Usondela kuSomerset kutsibe uMatshaya noKondile belamla</i>). Fulathelani ke ngoku ndingekazifunzi izinja zakowethu.

- 13.7 Anyanisile amazwi kaKondile athi, “ aze kuperhembu umoya wemvisiwano”? Xhasa impendulo yakho ngobungqina obuthatha kwesi sicatshulwa. (1)
- 13.8 Kuvelisa ntoni oku kuziziliza kukaMaqoma xa ephakanyiswa nguKondile? (1)
- 13.9 Lo mdlalo ukuliphi inqanaba ngokwesi sicatshulwa? Cacisa. (2)
- 13.10 Chaza Intsingiselo efihlakeleyo yale ntetho ithi,“... ukuba akhwelele kuloo mida ame kuyo”. (2)
- 13.11 Ngokolwazi Iwakho Iwencwadi, le ngubani lo mkhwe kaMaqoma ubuleweyo? (1)
- 13.12 Chaza indlela awabulawa ngayo lo mkhwe wakhe. (2)
- 13.13 Zahluke njani iimbono zikaNgqika kwezikaMaqoma malunga nezi ndwendwe? (2)
- 13.14 Kube nafuthe lini ukusetyenziswa rhoqo kwala magama athi, “ngegunya... ” nguSomerset kwisiphumo sengxoxo yale mini? (2)
- 13.15 Ilizwi likaNkosi uNgqika liwungxenge njani umoya kule ngxoxo? (2)
- [25]**

AMANQAKU ECANDELO C:	25
AMANQAKU EWONKE:	80

